

# PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



EYETHUPA  
2017

## Ifuthe lee-MYCOTOXIN kwimpilo yezilwanyana

Imagazini yakwaGrain SA  
yophuhliso lwabavelisi

Bala moteng:

04 | Dibana nabatyunjwa bethu  
bango-2017 (Icandelo 2)



**K**wangendlela efana nefuthe lazo kwimpilo yabantu, ii-mycotoxin zaziwa ngokubangela izifo ezinanzi zezilwanyana (ii-mycotoxicoses) nezinye iziphumo eziyichaphazela kakubi impilo. Le mibandela ngokunjalo inefuthe elinzulu kuqoqosho malunga nemfuyo norhwebo lokutya kwezondlo zezilwanyana.

Zonke ii-mycotoxin ezibalulekileyo kwimpilo yabantu (i-aflatoxin, i-fumonisins, i-deoxynivalenol, i-zearealenone ne-ochratoxin A) nazo zikwabalulekile kwimpilo yezilwanyana, kodwa iziphumo zazo zeziffo zahluka kakhulu kwimiqondiso ebonakala ebantwini ngokunjalo naphakathi kweentlobo zezilwanyana ezahluka-hlukileyo (**iTheyibhile 2**). Imfuyo yezolimo nezilwanyana zasekhaya (ii-kati, izinja, njalo njalo) zisenokuba sesichengeni see-mycotoxin mhlawumbi kwiintlobo zokutya okuguqu-guqulweyo okuqulethe iinkozo ezingco-

lisekileyo okanye ezinye iimveliso ezenziwe ngeemveliso zezolimo, okanye ngokutyisa impahla kwizondlo ezsulelekileyo, kwizikhwebu zombona ezonakeleyo, izikhondo zeesiriyeli ezingcolisekileyo kunye nefula esentsimini. Ezinye izifo ezibangelwa zii-mycotoxin (mycotoxicoses) kunye neentsholongwane zomngundo ezinxulumene nazo, nezikholisa ukunxulumana nokutyisa entsimini eMzantsi Afrika zezi: iErgotism (iintlobo ze-*Claviceps*); i-stachybotryotoxicosis (*Stachybotrys*); irhashalala yolusu ebusweni (umlambo) (*Pithomyces*); i-lupinosis (*Phomopsis*); ne-diplodiosis (iintlobo ze*Stenocarpella*).

EMzantsi Afrika ishishini lokusila umbona, iqhezu lokusiliweyo "amaqhekeza" lisetyenziswa njengokutya kwezondlo zezilwanyana kanti liquelethe amaqondo aphezulu ee-mycotoxin kuwo onke amaqhezu ahluka-hlukileyo asiliweyo. Xa kusilwa imibhumbutho yombona ongcoliseke kakhulu,



## Ifuthe lee-mycotoxin kwimpilo yeziwanyana

Itheyibhile 1: Izigaba zeskohoko seUnited States Food and Drug Administration (FDA) ngeFumonisins ne-Deoxynivalenol ezipheleleyo kwizondlo zeziwanyana.

	lintloblo zeziwanyana	Izithako zezondlo nenxenyen yoluholu Iwezidlo	Amaqondo emboneni nakwi- imveliso zombona	Amaqondo kwizindlo ezigqityi- weyo
i-Fumonisins (FB)	Amahashe, iidonki nemivundla	Umbona neemveliso zombona zingadluli kwi 20% yoluholu Iwezidlo	5 ppm	1 ppm
	lihagu nentlanzi esabukati	Umbona neemveliso zombona zingadluli kwi 50% yoluholu Iwezidlo	20 ppm	10 ppm
	Izilwanyana eze- tyisayo ezizalayo, iinkuku ezizalayo*	Umbona neemveliso zombona zingadluli kwi 50% yoluholu Iwezidlo	30 ppm	15 ppm
	Izilwanyana ezety- sayo zeenyanga ezi- ntathu nangaphezelu ezikhuliselwa uku- xhelwa	Umbona neemveliso zombona zingadluli kwi 50% yoluholu Iwezidlo	60 ppm	30 ppm
	linkuku ezikhuliselwa ukuxhelwa	Umbona neemveliso zombona zingadluli kwi 50% yoluholu Iwezidlo	100 ppm	50 ppm
	Zonke ezinye iintloblo neendidi zemfuyo zemfuyo nezilwanya- na ezingamaqabane asemakhaya	Umbona neemveliso zombona zingadluli kwi 50% yoluholu Iwezidlo	10 ppm	5 ppm
i-Deoxyniva- lenol (DON)	linkomo ezetyisayo neenkomo ezsenda- weni ezityetyiswa kuyo ezhindala kwii- nyanga ezine	linkozo neemveliso zeenkozo zingadluli kwi 50% yoluholu Iwezidlo	10 ppm	5 ppm
	linkuku	linkozo neemveliso zeenkozo zingadluli kwi 50% yoluholu Iwezidlo	10 ppm	5 ppm
	lihagu	linkozo neemveliso zeenkozo zingadluli kwi 20% yoluholu Iwezidlo	5 ppm	1 ppm
	Zonke ezinye izilwa- nyana	linkozo neemveliso zeenkozo zingadluli kwi 40% yoluholu Iwezidlo	5 ppm	2 ppm

\* Kuquka iinkomo ezsengwayo zobisi neenkuku ezibekela amaqanda asetyenziswa ngabantu; ppm = iinxenyen ngesigidi (parts per million); Akukho zikhokelo zeFDA zifumanekayo ngeZearalenone

amaqhezu asisiphumo "amaqhekeza" anokukhokelela kwiziphumo ezinobuzaza kwimpilo yeziwanyana xa engaxubekanga neminye imibhumbutho engangcolisekanga kakhulu okanye nezinye iimveliso ezingekaguqu-guqulwa. Kwiziganeko ezinini, imveliso eyiyona yexabiso eliphantsi neiyiyona ingcoliseke kakhulu isetyenziselwa ukondla izilwanyana ngethemba lokuba azisayi kubonakala iziphumo zezifo, ngakumbi xa kungekho zimvavanyo ze-mycotoxin zithe zenziwa kwiimveliso ezingekaguqu-guqulwa, ezifana

neenkozo zexabiso eliphantsi ezithengwa emazweni angaphandle. Kaninzi oku kukhokelele ekufeni kweziwanyana ngesiquphe malunga neemveliso ezifana neentlobo zokutya kwezinja okuguqu-guqulweyo.

Izilwanyana ezinika ukuya okungcolisekileyo zinokugqibela zifunyanwa zizifo ezihlaselayo okanye eziqhuba kwixesha elide nezinokuchaphazela ukwanda kwemfujo. Kwezinye iziganeko, imiqondiso yesifo neziphumo zaso iyafihleka ukuze ibonakale kuhphela emva kwexesha kwiipateni zokukhu-

## UMAKHULU UJANE UTHI...

**L**iyasondela ngoku ixesha elitsha lokulima kwaye uza kuba usenza amalungiselelo. Umsebenzi wokulima wahlukile kwamanye amashishini ngenxa yokuba ngonyaka ngamnye ufanele uku-qalisa ngokutsha (phantse ngokutsha ngqa). Apho ubunesityalo sakho kunya ophelileyo akukho kwanto ngoku (ngethembra lokuba zikhona izikhondwana ezsentsimini) kwaye loo mhlaba ulindele iimvula zokuqala zehlobo eziza kukuvumela ukuba uqalise ngamalungiselelo exesha elizayo lokulima.

Abantu abaninzi bebenesityalo esihle kakhulu kunya ophelileyo – kulo nyaka siqala ngokutsha kanti ukuba uza kuphinda uphumelele kwakho kuya kufuneka ukuba uphinde ukwenze konke ngendlela elungileyo kwakhona. Khumbula ukuthenga isixa esichanekileyo sesichumiso esilungileyo, iintloblo-ntloblo zembewu ezizezona zifanele indawo yakho, kanti idabi lokulwa nokhula alisayi kuze liphele. Eli licesha elibaluleke kakhulu kwithuba lakho lokulima izityalo njengoko iziqibo ozenza ngoku ziya kuba nefuthe elikhulu kwisityalo. Zama ukwenza iziqibo ezi-lungileyo nokuba oko kukwenzela umsebenzi othe kratya, mhlawumbi neendleko zinyuke ngokunjalo – kodwa uya kuwufumana umvuzo wokwandisa utyalo-mali lwakho.

Ukfumana isivuno sombona esihle ngenene kube lithamsanqa ngeendlela ezinini – ikhaya lakho libe nokutya, wanakho ukuthengisa ukuya okungaphezu kwe-sidindo kanti futhi nemfuyo yakho yondleka phucukileyo. Nangona kunjalo, ngokuqinisekileyo uyiqaphele into yokuba xa sisinini kakhulu isityalo, amaxabiso ayebla – oku sisiphumo 'sentengiso nentengo'. Xa into inqabile, abantu bayazilungiselela ukuyihlawulela okuthe kratya – kodwa xa igqithisile, ayebla amaxabiso kuba ababani-nzanga abantu abayifunayo (njengoko basenokuyithenga nakwenye indawo lula). Kukho izifundo esinokuzifumana kule meko – ukwakha ubudlelane nommandla wentengiso wendawo yakho, yiba soloko uthengisa imveliso yodidi oluphezelu, thetha-thethana kwangoko ngamaxabiso exesha lokulima elithile (ukuba unakho), kananjalo unokujonga nezinye izityalo onokuzilima. Limbotyi ezomileyo zisoloko zinokukhethwa zilinywe ngabalimi abasaphuhlayo kuba zithengwa kakuhle kanti nexabiso lazo liba lihle. Yiba soloko ukhumbula ukuba abathengi badinga iintloblo-ntloblo zokutya kwaye unakho ukuthengisa uluhlu olubanzi lwazo.

Xa kusathe cwaka efama, bubuchule ukuya kwizifundo zoqeqesho nakwiintlanganiso zamaqela ofundonzulu ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe – ngochatha kulwazi lwakho, uya sebenza phucukileyo! Sikunqwenelela ixesha lokulima elisikelelekileyo.



## ULAWULO LWEZIFO

Ia ezitshintshayo, ukuncipha kwemveliso nesakhono sokuzandisa, ngokunjalo nokwanda kokuba zizisulu zezinye izifo ezosulelayo. Ubukho bee-mycotoxin ezahluka-hlukileyo ngexesha elinye kwizondlo ezingqityiwego (imibhumbutho eyahluka-hlukileyo yeemveliso ezingaguqu-guqulwanga ezixutyelwe ukuelisa imveliso yasekuggibeleni), yinkxalabo enkuu njengoko zinokongeza iziphumo ezenza kube nzima kakhulu ukufumanisa izigulo ezithile zee-mycotoxicoses.

Imfuyo esisisulu kakhulu see-mycotoxin ziihagu kwi-deoxynivalenol kune namahashe kwi-fumonisins, kanti ubukho bezi mycotoxin zimbini ngexesha elinye kungaba neziphumo ezinobuzaza ngakumbi kuzo zombini ezi ntloba zezilwanyana. Izigaba zesikhokelo ezimiselwe yiUnited States Food and Drug Administration (FDA) malunga ne-fumonisins kune ne-deo-

xynivalenol zamkelwe ngokubanzi ehlabathini liphelele nakwishishini laseMzantsi Afrika le-zondlo zezilwanyana ukuze kukhuselwe imfuyo kwimingcipheko ye-mycotoxin (ishwankathelwe kwi**Theyibhile 1**).

Kwinqaku lethu elilandelayo nelokugqibela kolu thotho, siza kujolisa kwimigaqo yokunci-phisa ukuba zizisulu kwabantu nezilwanyana kwii-mycotoxin. Nangona kunjalo, kufunyaniswe kwiziganeko eziliqela ukuba xa kujongenwe nezifo (*mycotoxicoses*) zezilwanyana, eyona ndlela ikhawulezayo nesebenzayo yokunyanga iimeko ezininzi zezifo kukurhoxisa kwangoko nakuphi ukutya kwezondlo okukrokrelekayo kuluuhlu Iwezidlo zezilwanyana ezichaphazelekayo, okanye zisuswe izilwanyana entsimini enokuba inefula engcolisekileyo okanye izikhwebu zombo-na ezishiyekileyo.

Njengoko kungeyonto inokwenzeka ukuyichaza yonke imibandela yee-mycotoxin ngokuphele-leyo kweli nqaku, kucetyiswa ukuba uzidibanise mhlawumbi nengcali kwimpilo yezilwanyana, okanye igosa lesolulo okanye nababhali beli nqaku ukuze ufumane iinkukacha eziithe vetshe ngezifo ezithile zezilwanyana nangeempawu ezinoknxulunyanisa nee-mycotoxin.

**Inqaku linikelwe nguHM Burger noP Rheeder, iQela loPhando ngeziFundu ze-Mycotoxicology neze-Chemoprevention, i-Institute of Biomedical and Microbial Biotechnology (IBMB), neCape Peninsula University of Technology (CPUT). Ngolwazi olutha vetshe, thumela i-imeyili apha: Burgerh@cup.ac.za okanye apha: RheederJP@cup.ac.za.**

**Itheyibhile 2: Isishwankathelo seetyhefu zee-mycotoxin ezintlanu ezibalulekileyo kune neempembelelo zazo kwimpilo yezilwanyana.**

I-mycotoxin	Izilwanyana ezinonxulumano	Ifuthe lezifo nelempilo kwizilwanyana
i-Aflatoxin (AF)	<ul style="list-style-type: none"> <li>• lintaka: Idada, ikarikuni, inkwali, amantshontsho amanci-nane, eenkuu, amantshontsho aselemakhulu, isagwityi</li> <li>• Izilwanyana ezincancisayo: Amantshontsho ehagu, iimazi zeehagu ezimithiyo, inji, inkonyana, inkomo eseyikhulile, iigusha, ikati inkawu</li> <li>• Intlanzi</li> <li>• Izilwanyana zelabhoratri</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukwanda kokufa kwemfuyo</li> <li>• Ukukrala okuhlaselayo kwesibindi</li> <li>• Ukuqina kwesibindi nomhlaza waso</li> <li>• Ukunqaphela</li> <li>• Ukcinezeleka kokuzikhuela komzimba</li> <li>• Ukutyhefeka kwenkqubo yofuzo nebangela umhlaza</li> </ul>
i-Ochratoxin A (OTA)	<ul style="list-style-type: none"> <li>• lihagu,</li> <li>• Inja</li> <li>• Izikrekrethi zelabhoratri (ibuzi, impuku)</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuwa kwezicwili zemibhojana yezintso neeseli zesibindi ezi-ngqonge unobuyisa onokutya</li> <li>• Ukukrala kwezintso, nenkqubo ebangela umhlaza</li> <li>• Ukutyhefeka kwezintso, nenkqubo etshabalala usana olunge-kazalwa</li> <li>• Ukutyhefeka kokuzikhuela komzimba nokutyhefeka kwenkqubo yoluvo okunokubakho</li> </ul>
i-Deoxynivalenol (DON)	<ul style="list-style-type: none"> <li>• lihagu</li> <li>• linkomo</li> <li>• linkuku</li> <li>• Ikarikuni</li> <li>• Ihashe</li> <li>• Inja, ikati</li> <li>• Izikrekrethi zelabhoratri</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Iimpembelelo ezhlaselayo zesisu namathumbu</li> <li>• Ukuzikhusela komzimba okuguqu-guqukayo</li> <li>• Ukukhula ngokunqaphela</li> <li>• Iziphene kwinkqubo yokuziphinda-phinda</li> <li>• Ukutyhefeka kwenkqubo yokuzikhuela komzimba</li> <li>• Ukutyhefeka kwegazi</li> <li>• Ukwala ukutya nokuncipha kobunzima bomzimba</li> </ul>
i-Zearalenone (ZEA)	<ul style="list-style-type: none"> <li>• lihagu, iinkomo zobisi, iinkuku, ikarikuni</li> <li>• ligusha</li> <li>• Izikrekrethi zelabhoratri, isikrekrethi esingenamsila</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Iziphene kumalungu nakwinkqubo yokuziphinda-phinda</li> <li>• Isebenza njenge-oestrogen engesositiriyodi</li> <li>• Ukuchuma okunciphayo okunokubakho (isiphazamisi senkqubo yeehomowuni)</li> </ul>
i-Fumonisin (FB)	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ihashe, idonki</li> <li>• ilhagu</li> <li>• Izilwanyana zelabhoratri</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Isifo se-equine leucoencephalomalacia ("umngxuma-osentloko")</li> <li>• Ukuudumba kwemiphunga ezhaghwini</li> <li>• Izifo zezintso nezibindi ezibangelwa ziityhefu kune nomhlaza</li> </ul>



## Pula Imvula's Quote of the Month

*The real opportunity for success lies within the person and not in the job.*

~ Zig Ziglar




# Dibana nabatyunjwa bethu bango-2017 (Icandelo 2)

**K**wipula imvula yangojulayi sinazise ngabatyunjwa abalimela ukuzi Philisa nabaRhweba kaNcinane bango-2017 bokhutshiswano IwaseGrain SA loMlimi woNyaka osaPhuhlayo. Kweyale nyanga siza kugqalisela kubatyunjwa abaneSakhono se-New Era kunye nabeNew Era.

Kwinyanga kaSeptember siza kuxela abaphumeleleyo abalishumi elinesibini, ukuze ngoNovember sibhengeze abagqwesileyo abane.

*It isn't the farm that makes the farmer – it's the love, hard work and character.*  
– Unknown

## Abatyunjwa abaRhwebayo beNew Era



### UMoferefere Jacob Komako – eFree State

**K**uJacob ukufama yindlela akhule ngayo. Uyawathanda amavumba nezandi zokufama nkqu naxa ubomi bakhe buqale bamphosa kwezinye iindawo, kwakusoloko kucacile ukuba le ndoda eneminyaka eyi-69 iza kubuyela emasimini ewathanda kangako.

Wayehamba isikolo efama apho abazali bakhe babesebenza njengabasebenzi basefama waze wathi akuba ephumelele iBangla lesi-4 waxelelwa ukuba liphelile ixesa lokudlala selefanele ukungena kwiqela lomsebenzi. Emva kweminyaka eyi-15 uJacob wayishya ifama esiya kuzingela ubomi obuphucukileyo.

Wasuka ekusebenzeni njengomakhi waba ngumnini wethaveni kodwa ekuggibeleni, ngo-1991, wakwazi ukubuyela kwezolimo. Ngoku,

selengengomsebenzi, kodwa engumnini-fama iDriefontein. Wayithenga le farma ngemali-mboleko yaselLand Bank kodwa wakhawuleza wabona ukuba xa engenamali eyinkunzi efunekayo yokuqalisa umsebenzi noomatshini ngokunjalo umsebenzi wakhe uya kusoloko ulidabi lokunyuka ummango.

Emva kweminyaka yokuzabalaza nokukholiswa, uJacob wadibana noJohan Kriel waseGrain SA waze waqalisa ukuya kwiintlanganiso zeqela lofundonzulu nakwizifundo zoqeqesho. iGrain SA yamvula amehlo kuba ngoku uyazi ukuba akafanelanga kulima ngendlela yeSesotho, kodwa ulima ngendlela echanekileyo. Kweli xesha lokulima ulime iihktare eziyi-220 zombona womhlaba owomileyo, iihktare eziyi-150 zeembotyi ezomileyo kunye neehktare eziyi-20 zombona weReid kwaye ujunge phambili kwisivuno esihle kangangoko.

UJacob ucinga ukuba imbonakalo yezimvo zamafama amhlophe eMzantsi Afrika itshintshile kwaye ibhetele ngoku futhi ukholewa ekubeni iGrain SA inegalelo kuloo nguquko.



## URemember Wiseman Mthethwa – KwaZulu-Natal


**N**go-1984 uRemember waqala wasebenzisa iDNC Mining Company kwifama iLilly Dale. Ubukhulu becalo wayesebenza ngoomatshini kodwa waqala aphi kanye umdla wakhe kulimo.

Waqalisa ngokulisebenzisa ngobuchule ixesha lakhe xa engaphanelanga, wonga imali ngokulima izityalo nangokuthenga imfuyo, enephupha

lokuba ngenye imini uya kuba nefama yakhe. Eli phupha laba yinto ekhoyo kuba ngoku unefama yeehektare eziyi-662 iMilindale aphinde aqeshe iihektare eziyi-150 zomhlaba wabucala kufuphi neDannhauser.

URemember weva ngeGrain SA ngo-2014 kodwa ungene kuyo ngo-2015 kwaye lilungu eli-ququzelayo leQela loFundonzulu leB29 laseNewcastle aphi uChris de Jager angumcebisi khona.

Kweli xesha lokulima, ulime iihektare eziyi-55 zombona weReid kwaye unomnqweno wokulima ade abe ngumlimi orhweba kakhlukazi none-mpumelelo. Uyakuthanda ukwabelana nabanye ngolwazi analo ngokunjalo nokukhuthaza abanye abantu ukuba babe nenxaxheba kwezolimo.



## USimon Sello Teffo – eGauteng

**U**mdla kaSimon ekulimeni waqala ese-yinkwenkwe eselula, wayencedisa uyise kwifama yabo yokulimela ukuziphilisa eHammanskraal. Kodwa uSimon wayeyindoda esisilumko kuba emva kokuphumelela iBanga le-12 wafunda ezobuNjineli boKwakha eTshwane University of Technology. Usebenze kobi bungcali kwiminyaka eliqela Wade umhlaba wamgodusa ngo-2006.

Wafumana ifama iDoornfontein kwisithili saseRandfontein kwiSebe IezoLimo waze waqala ngokuzama ukulima ngezandla ngamaxhesha athile kodwa wakhawuleza wafumanisa ukuba ukufama lishishini ekusetyenzwayo kulo futhi lidinga ubukho bakhe ngalo lonke ixesha.

Emva kokudibana noJane McPherson ngo-2014, uSimon wasayinela ukuba lilungu leGrain SA. Msinyane emva koko wanyulwa njengosihlalo weQela loFundonzulu le-28 laseRandfontein. Waqala walima umbona kwiihektare eziyi-120 zombona kwiminyaka emibini edlulileyo, waze wabonisa ukukhula okumangalisayo ngokulima ii-hektare ezimalunga neziyi-535 kweli xesha lokulima. USimon ulima umbona womhlaba owomileyo kanti isivuno sakhe sibonakala sisihle kunesabanye abalimi abarwebayo abakufutshane kuye.

Unentliziyo yegolide kuba unoncedo ekuphuculeni abahlali base-Elandsfontein ngokufundisa indlela yokulima neyokusebenza emasimini. Uphinda anikele ngeempahla zokunxiba nezixhobo zemidlalo zabantwana abasweleyo kwisikolo esikufutshane iRodora Primary School.

Njengelungu leKlabhu yeeToni eziyi-500 zeGrain SA, uSimon ujunge enkalweni yokulifuma iwonga loMlimi woNyaka ka-2017 weNew Era Commercial.



## UVuyani Lolwane – eMntla Ntshona

**E**seyinkwenkwe eselula kakhulu, amxesha awayewonwabela uVuyani kwa-kuxa utata wakhe wayehamba naye ukuya kwiintsuku zabalimi nakwiintlanganiso zamaqela ofundonzulu. Utata wakhe wayengumlimi olimela ukuziphilisa kwaye babehlala kwiLali iBapong eGelukspan.

Waphumelela iBanga le-12 ngo-2003 waze wasebenzela iSANDF ukususela ngo-2005 ukuya ku-2010. Ngelishwa, wasweleka utata kaVuyani waze yena waba ngumlimi wexesha elipheleleyo ngo-2011. Ngoku uVuyani unefama iKlippan aze aphinde aqeshe umhlaba eLareystryd.

UVuyani ulima umhlaba owomileyo aphinde alime umbona onkcenceshwayo nengqolowa, oojongilanga, iimbotyi ezomisiweyo nebhalo. Seyiliqela iminyaka elilungu leGrain SA kwaye uya rhoqo kwiintsuku zabalimi nakwiintlanganiso zamaqela ofundonzulu kanti selephume-lele kwizifundo zoqequesho eziliqela.

Ilinjongo zakhe zexesha elizayo ziqluka ukufama ngokwahlu-hlukileyo nokufumana inzu-zo, ngokuthatha inxaxheba kulo lonke ityathanga lokuxabisekileyo. Uthetha ngendawo yokondla imfuyo, isilarha, amacandelo okuguqu-guqulwa kokutya nokuthegisela iBotswana neLesotho.

Kwilizwe aphi iminyaka yobudala eqhelekileyo yabalimi ingapezulu kweyi-60, le ndoda esengumntu omtsha yona ithembekile kolu shishino kwaye ingumzekelo omhle kakhulu kwabanye abalimi abatsha abanokungena kulo.

## Dibana nabatyunjwa bethu bango-2017 (Icandelo 2) – Abatyunjwa abaRhwebayo beNew Era



### UEdwin Thulo Mahlatsi – eFree State

**U**Edwin wazalelwu ukuba ngumlimi. Usebenze kwifama ebehlala kuyo nabazali bakhe besebenza kuyo phantsi kubo bonke ubomi babo kanti ngenxa yobudlelwane obulungileyo phakathi kwakhe nomqeshi wakhe, uye wancedwa ngumqeshi wakhe ngo-kuthenga ifama ngo-2012.

Ifama iSwartlaagte yathengelwa uEdwin kuFrikkie Rautenbach liSebe loPhuhliso IwaseMaphandleni nokuTshintshwa koMhlaba ngokusebenza iPLAS. UFrikkie waphinda wanika uEdwin itrektara nezixhobo zokusebenza wamncedisa nangeemveliso zamalungiselelo. Imvumelwano yayikukuba uEdwin uza kuzihlawula iindleko zezi zinto ngokusebenza kwiminyaka elandelayo embalwa.

Ngelishwa, uFrikkie wasweleka ngo-2014 zaze izixhobo zokusebenza awayezisebenza uEdwin zagqibela ngokuya kurhulumente. UEdwin washiyeka engenangeniso, engenazixhobo zokusebenza kungekho nemali ebinokufakwa kukusebenza.

Ngo-2014 waba lilungu leNkqubo yase Grain SA yoPhuhliso IwabaLimi waze wangena kwiQela loFundonzulu laseBothaville ngokunjalo esiya nakwiintsuku zabalimi nakwizifundo zoqeesho. I-Grain SA yamxelela ngobuchwepheshes obutsha, ngabathengisi beemveliso nangamaziko emali – oku kwatshintsha ubomi bakhe. Nangona bekukho imbalela ngo-2015/2016, uEdwin wakwazi ukuvuna iitoni eziyi-250 zombona kanti nangentlawulo yeinshorensi yomonakalo owenzive sisichotho ufumene ngaphezu kwasigidi esinye seerandi kunya ophelileyo.

Ngoncedo IweGrain SA, uEdwin wazithengela iVeni yelsuzu entsha rhaca – isithuthi sokuqala esisha eyakhe yanaso le ndoda yeminyaka eyi-75!

## Abatyunjwa Abanesakhono Sokurhweba



### UTebalo Elias Makubo – eFree State

**U**Tebalo yindoda esentsha enobulumku, nesebenza nzima ephumelele iziqinisekiso zayo zemfundo nesebenze kwihiabathi leembumba zoshishino phambi kokusebenza noyise ngo-2010 kwifama yosapho kufuphi neKestell.

Wayesoloko efuna ukuba ngumlimi waze utata wakhe wamfundisa yonke into awayeyazi ngesebenzi wokufama kwiminyaka emibini. Utata wakhe waphinda wamfundisa ukuwaleqa ama-

phupha akhe waze ngo-2013 waqesha omnye umhlaba kutata wakhe yaba nguye nolima izityalo zemali eyikheshi.

Ngo-2012 uTebalo wangena kwiNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi waze waba lilungu elikhutheleyo leQela loFundonzulu iKestell. Umntu omtsha waphuhla kakhulu phantsi kwenkqubo yeengcebiso yeqela elizinikeleyo leGrain SA. Ulima umbona, ingqolowa, iimbotyi zesoya nezomileyo emhlabenzi olimekayo weehktare eziyi-130 waze waziphucula kakhulu izivuno ukususela ngoko waba lilungu.

UTebalo unethemba kakhulu ngekamva le-zolimo eMzantsi Afrika kwaye ubona ezolimo njengendlela yokuphilisa ilizwe lethu. Ulumkisa ngelithi abantu abalambileyo baya kusoloko benomsindo.



### UTshediso Daniel Maqala – eFree State

**K**wiminyaka emithathu edlulileyo uTshediso oneminyaka eyi-55 waphuhlha ukusunselo ekubeni ngumlimi owayephila nzi-ma ngeehektare eziyi-615, ukuya ekuvuneni ngaphezu kweetoni eziyi-500 zeenkozo kulo nyaka.

Wazalwa waze wakhulela efama waba ngumsebenzi wasefama kwakuyo loo fama emva kokusweleka kukutata wakhe eseneminyaka eyi-15 ubudala. KuTshediso umsebenzi wokufama unxulumene nobunzima yiloo nto waggibela ngokukhangela indlela ephucukileyo yokuphila

wafumana ilayisensi yokuqhuba waze wasebenza njengomqhubi.

Wayesoloko ephupha ngokuba nowakhe umhlaba waze ngo-2005 kwaze oku kwenzenka ngenene oko xa wayethenga ifama iKosmos yeehektare eziyi-197, kwisithili saseFicksburg. Waphinda wafumana nefama iDie Hoop yeehektare eziyi-326 ngokusebenzia inkqubo yePLAS ngoku ukwazi ukufikelela emhlabeni olimekayo weehektare ezingaphezu kwe-200.

UTshediso zange afikelele lula emsebenzini wokufama, watsala nzima kwiminyaka ethile waze wangena kwiGrain SA ngo-2014. Waya ku-maqela ofundonzulu nakwiintsuku zabalimi lwaze lwamnceda ulwazi Iwakhe olutsha ukuba avune iitonu eziyi-168 zengqolowa ngo-2017. UTshediso unesakhono sokufumana isatifikethi seKlabhu yeeToni eziyi-250 okanye neziyi-500 kulo nyaka.



### UPaul Mvelekweni Malindi – eFree State

**U**kulima kwakusoloko kusegazini lika-Paul weminyaka eyi-48. Wakhulela efama apho bobabini abazali bakhe babesebenza njengabasebenzi basefama waze ngo-2012 uPaul wafumana ithuba lokubuyela emasimini. Wafumana ifama iDakbaar yeehektare eziyi-441, kufuphi ne-Edenville, ngokusebenzia iPLAS.

Kwakuwo loo nyaka, uPaul wangena kwiNkqubo yaseGrainSA yoPhuhliso IwabaLimi waze waba lelinye lamalungu eQela loFundonzulu lase-

Edenville. Kumthathe iiminyaka eliqela uPaul ukufumanisa ukuba azikho iindlela ezinqumlayo kwezolimo kanti izinto zifanele ukwenziwa ngokuchanekileyo okanye zingabi senziwa kwaphela.

Ngoku uquesha umhlaba wokutyisa iinkomo zakhe kwaye ulime iihektare eziyi-140 zoojongi-langa kunye neehektare eziyi-180 zombona kweli xesha lonyaka lokulima. Inxaxheba yakhe ngenkuthalo kwiqela lofundonzulu nokuya kwi-intsuku zabalimi kube nefuthe elikhulu kuye. Ngoku uPaul usebenzia ulwazi alufumeneyo kwaye uneqhayiya ngokuba ngumlimi onempumelelo.

Okupambili kuPaul kukukhathalela usa-pho Iwakhe nabasebenzi bakhe. Ukholelwakwizakhono zakhe nakwikamva lecandelo le-zolimo laseMzantsi Afrika.



### UKhovhogo Philemon Manenzhe – eFree State

**N**angona uPhilemon wayezalelwé kwilokishi yaseSasolburg, ukhulele eVenda, apho wayehlala khona nookhulu bakhe. Kulapho wafunda khona ukuba xa uwusebenza nzima umhlaba aze uThixo anikele ngemvula, unakho ukuphila phucukileyo kwezolimo.

Waphumelela iBanga le-12 waze wabuyela eSasolburg ukuze afumane imfundu ephakamileyo yakhe. Emva kokusebenza eSasol kwiminyaka eliqela, uPhilemon waqalisu iqumrhu lakhe lokwakha. Le ndoda, eliva egazini ishishini, yayisoloko ityala imali yayo engayisebenzisiyo kumba weenkomu. Wayesazi ukuba ngendlela ethile, ngenye imini,

uya kuze abe nawo owakhe umhlaba apho aya kulima izityalo khona atyise neenkomu zakhe.

Ngonyaka ka-2010 lafezeka ipupha lika-Philemon kuba wafumana ifama iBurmingham kwisithili saseSasolburg. Ifama ineehektare eziyi-665 ukuze iihektare eziyi-360 kuzo zibe zezmohlabo olungileyo wesakhono sokuba ngumhlabo olimekayo. Ngenxa yokuba wayengenazixhobo zokusebenza futhi enolwazi oluncinane, wasuka waqeshisa umhlaba wakhe olimekayo ngokuthi babelane ngezityalo nomme-lwane, uLouis Claassen.

Ngo-2014 iGrain SA yaqalisa ngeqela lofundonzulu eDeneysville waze uPhilemon wangena kulo kwangoko. Njengelungu elikhutheleyo, waya kwizifundo zoqeqesho eziliqela nakwiintsuku zabalimi. Isiphumo soko sibe kukuba, kulo nyaka, ulime iihektare eziyi-120 zombona ngokwakhe kanti isi-tyalo eso siyatembisa ngenene.

Iqela labahleli

## GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324  
7 Collins Street, Arboretum  
Bloemfontein  
► 08600 47246 ◀  
► Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

## UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson  
► 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

## UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel  
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

## UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks  
► 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



## IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

*isiXhosa,*  
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,  
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

## INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

### ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel  
Free State (Ladybrand)  
► 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatso Nyambose

### Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)  
► 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Nonhlanhla Sithole

### Jurie Mertz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)  
► 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 034 907 5040 ◀ Sydwell Nkosi

### Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Louwsburg)  
► 082 650 9315 ◀ graeme@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 012 816 8069 ◀ Sydwell Nkosi

### Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)  
► 083 730 9408 ◀ goshenfarming@gmail.com  
► e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Luthando Diko

### Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)  
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 012 816 8057 ◀ Hailey Ehrenreich

### Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)  
► 082 877 6749 ◀ dutoit@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlanyane

### Sinelizwi Fakade

Mthatha  
► 071 519 4192 ◀ sinelizwifakade@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 012 816 8077 ◀ Cwayita Mpotyi

Articles written by independent writers  
are the views of the writer and not of Grain SA.



THIS PUBLICATION IS  
MADE POSSIBLE BY THE  
CONTRIBUTION OF  
THE MAIZE TRUST

## Dibana nabatyunjwa bethu bango-2017 (Icandelo 2) – Abatyunjwa Abanesakhono Sokurhweba



**UDoki Isaac Moleleki**  
– eMntla Ntshona

Uqeshisa iihektare eziyi-416 zomhlaba olime-kayo kwifama iKlippan. Kwixesha elidlulileyo ufumene impumelelo encinane ngezityalo zakhe ngenxa yokuswela ulwazi nangenxa yeemeko zembalela embi. Umcebisi kalsaac ngemicimbi yemali wamxelela ngeGrain SA kunya ophelileyo waze wangena kwango-ko waba lilungu leQela loFundonzulu le-28 iVrischgewacht.

Ulme iihektare eziyi-106 zombona womhlaba owomileyo kunye neehktare eziyi-310 zojojngilanga kulo nyaka kunye neemvula ezintle ulsaac ujunge enkalweni kwesona sivuno sakhe saba sihle. Le ndoda iphupha ngokuba ngumlimi orhweba ngempumelelo kwaye ubanika imfundu elungileyo abantwana bakhe.



**URuben Mothlabane**  
– eFree State

benzi wokulima, inkxaso nezixhobo zokuse-benza kwanyanzela uRuben ukuba angene kwimvumelwano yobuhlakan nomlimi wenda-wo yakhe waqeshisa ngamasimi akhe ukuze afumane isabelo esimiselweyo sezityalo.

Njengoko esiya ngokukhula ekuzithembe-ni naselwazini, injongo yakhe kukuthathela kuye omnye nomnye umhlaba wakhe ukuze azilimele wona ngokwakhe. Kwixesha elizayo phofu elingekho kufutshane kangako, uRuben unenjongo yokulima izityalo zakhe futhi ifama yakhe ayenze ilondolozeke, iphile ngokwase-malini futhi ibe lishishini lorhwebo elinenzuzzo.

URuben oko waba lilungu leGrain SA ukususelango-2012kwayeukhutheleukuya kwiintlanganiso zenyanga nganye zeqela lofundonzulu zeQela loFundonzulu leBult-fontein. Uphumelele kwizifundo eziliqela zoqequesho kwaye ngokuqinisekileyo, kungekudala, uya kupuhlu abe ngumlimi orhweba ngokupheleleyo ukuze afezekise oku.

**U**Ruben wayesebenza kwifama katatomncinci wakhe emva kokuphumelela kwakhe iBanga le-12 waze wafumana idiploma kuLawulo Iwa-Mashishini. Wafunda yonke into awayenokumfundisa yona utatomncinci wakhe futhi wasebenza kwiminyaka embalwa, ngelia esakhangela eyakhe ifama.

Ngo-2011, ngokusebeniza iPLAS, wafaka isicelo sefama iKalkpan kwisithili saseBult-fontein. Ukuwela imali yokuqalisa umse-

Aba batyunja abadweliswanga  
ngolandelewano oluthile.

Inqaku linikelwe nguHanlie du Plessis,  
uMbhali oziqeshileyo. Ngolwazi oluthe  
vetshe, thumela i-imeyili apha:  
hanlieduplessis@telkomrsa.net.